## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda imiyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

   ICANDELO A: ISihobe (30)

   ICANDELO B: INoveli (25)

   ICANDELO C: IDrama (25)

4. Phendula imibuzo emiHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, omNYE kwiCANDELO B, nomNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE

   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo emiBINI

   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: Ngumbuzo ONYANZELEKILEYO

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA

   Phendula umbuzo omNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.

   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO omNYE kunye NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisiti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

- Umbuzo osisincoko kwiSihobe kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama ali-190–240.
- Umbuzo osisincoko kwiNoveli/kwincwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama angama 340–390.
- Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO ngaliNYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ITHEYIBHILE YESIQULATHO**

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiweyo**: **Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.**

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 1. | Iimbongi | Umbuzo osisincoko soncwadi | 10 | 7 |
| | | | | |
| 2. | Intliziyo yam | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| | | | | |
| 3. | Ingoma kaVelaphi | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| | | | | |
| 4. | Ithemba | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| **KUNYE** | | | | |
| **Umbongo ongafundiswanga. Kunyanzelekile ukuba uwuphendule.** | | | | |
| 5. | Ugawulayo | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo omNYE OSISINCOKO nombuzo omNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

**Phendula umbuzo omNYE.**

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 6. | *Inkaw'idliw'ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 11 |
| | | | | |
| 7. | *Inkaw'idliw'ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 12 |
| | | | | |
| 8. | *Nyana wam*! *Nyana wam*! | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 14 |
| | | | | |
| 9. | *Nyana wam*! *Nyana wam*! | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| | | | | |
| 10. | *Ukhozi olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 16 |
| 11. | *Ukhozi olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 16 |
| | | **OKANYE** | | |
| 12. | *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 18 |
| | | | | |
| 13. | *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 19 |

## ICANDELO C: IDRAMA

**Phendula umbuzo omNYE.**

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 14. | *Buzani kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 23 |
| | **OKANYE** | | | |
| 15. | *Buzani kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 24 |
| | | | | |
| 16. | *Indlal' inamanyala –* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 27 |
| | | | | |
| 17. | *Indlal' inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 28 |

**QAPHELA:** **KUMACANDELO B no C,** qiniseka ukuba uphendule umbuzo **OSISINCOKO OMNYE** nombuzo **omNYE OMFUTSHANE**. Nceda ungaphenduli imibuzo emiBINI ezizincoko okanye imibuzo emiBINI emifutshane.

**ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)**

Kunyanzelekile ukuba ujongisise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

| ICANDELO | | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI |
|---|---|---|---|---|
| A | ISihobe(ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| | Isihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| B | Inoveli Noncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| C | Idrama( Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane) | 14–17 | 1 | |

## ICANDELO A: ISIHOBE

## IMIHOBE YESIXHOSA – B Ngombane

### IMIYALELO

- Kweli CANDELO kubuzwe imibongo nezibongo ezine ezifundisiweyo nombongo omNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo emiBINI ebuzwe kwimibongo OKANYE kwizibongo ezifundisiweyo; kunye nombuzo omNYE kumbongo ongafundiswanga OKANYE isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qiniseka ukuba uphendule imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude bempendulo yombuzo osisincoko buphakathi kwe-190–240 amagama.

### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.

### UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula umbuzo osekwe kuwo.

Cazulula isigama esiphuhlisa imisebenzi nokubaluleka kweembongi kwintlalo yoluntu ngokwalo mbongo.

**IIMBONGI – Z.S. Qangule**

Nkedama ezaziwa ngokubhonga,
Mithombo ehlupha ngokubhanga,
Nzala yamagqirha ngokunuka,
Luhlobo lwamanxila ngokuthuka,

Ziphoxo zenkundla ukubhoxa,
Xholovane benkundla ukuxoxa,
Zazi zeembalo ukuprofithesha,
Makholwa endalo ukubhedesha,

Manyange anyanga izizwe,
Bavuseleli abatyala ubuzwe,
Zingxangxasi iingcamango zenu,
Yingxubevange ukugxagxaza kwenu,

Ndiphuma nani ngokutola,
Ndivuma nina ngokuhlola.

**[10]**

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**INTLIZIYO YAM – C. NQAKULA**

Intliziyo yam indityhilela izinto ezininzi;
Iyandityhoba yakuthanda, indisindise kananjalo.
Hayi madoda! Unzima lo mthwalo!
Umkhonto ololwe walubengu,awubinzi
Udale amanxeba afana nawale ntliziyo,
Mhla izanyazanyiswe yadutywa zizilingo,
Eziza ngongcwalazi, ezinzulwini zobusuku nangesifingo-
Okanye ndityholwa ngezinto endingazaziyo.

Intliziyo yam lusindiso lwam;
Intliziyo yam kukutshabalala kwam;
Indikhaphela ezindleleni zobulungisa;
**Kanti** nakwezingendawo iyandisa.

Mandiyithini ke le ntliziyo,
Xa imkhonza ngolu hlobo umniniyo?

2.1 Nika umongo wesitanza sokuqala salo mbongo. (2)

2.2 Linika ntsingiselo ni ngentliziyo igama elibhalwe ngqindilili elihlanganisa umqolo we-11 nowe-12? (2)

2.3 Sidalwe njani isingqisho kulo mbongo? (2)

2.4 Chaza injongo yembongi ngalo mbongo. (2)

2.5 Tyhila uvakalelo lwembongi olukwikhaplethi esekupheleni kwalo mhobe. (2)
**[10]**

## UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**INGOMA KAVELAPHI – J.J.R. JOLOBE**

Ndiyeza, ndiyeza, sthandwa sam,
Ndiyeza ndikhwele iqegu lomlilo.
Ligqitha umoya waseNtla ngamendu.
Ndiyeza ngokuba ndiluva ubizo
Lwelizwe lobawo.

O! Ndiyazibona, sithandwa sam,
Iinduli kwanamathambeka elizwe,
**Elimpangalala;** siphuma ingqina,
Siland' ekhondweni lexhama
Kwilizwe lobawo.

Ezants' emgodini, sithandwa sam,
Lingabonakali nelanga nezulu,
Ndiyeva ingoma yomxhelo, iphuma
Kowakho umlomo, undibiza, sithandwa,
Kwilizwe lobawo.

Indoda kaloku, sithandwa sam,
Imelwe kuphath' umhlakulo, nomfazi
Agcine intsapho, ukuze luzale
Olweth' ulonwabo, Nojenti sithandwa,
Kwilizwe lonwabo.

3.1 Nika umongo wesitanza sokuqala salo mbongo. (2)

3.2 Linika ntsingiselo ni igama elibhalwe ngqindilili kumqolo we-9? (2)

3.3 Sidalwe njani isingqisho kulo mbongo? (2)

3.4 Chaza injongo yembongi ngalo mbongo. (2)

3.5 Tyhila uvakalelo lukaVelaphi ngokwesitanza sokugqibela salo mbongo. (2)
**[10]**

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**ITHEMBA – S.E.K MQHAYI**

Singenzani n’ emhlabeni,
Sizuzeni n’ elizweni,
Xa singenalo ithemba,
Intsusa yokusebenza?

Singakwenza n’ ukulima,
Sikuyeke ukulila,
Singayifuya n’ imfuyo,
Xa ithemba lingekhoyo!

Makafundiswe ithemba,
Aphakanyiswe lithemba,
Limhambisele phambili,
Limngenise ezulwini.

Le nt’ ithemba iyinzulu,
Kwezomhlaba kwezezulu;
**Ongenathemba ufile**;-
Siph’ ithemba ze siphile.

4.1 Nika umongo wesitanza sokuqala salo mbongo. (2)

4.2 Unika ntsingiselo ni umqolo we-15 kulo mbongo? (2)

4.3 Sidalwe njani isingqisho kwesi sicatshulwa sombongo? (2)

4.4 Chaza injongo yembongi ngalo mbongo. (2)

4.5 Tyhila uvakalelo lwembongi ngokwesitanza sokugqibela sesi sicatshulwa sombongo. (2)

**[10]**

**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: KUNYANZELEKILE UWUPHENDULE.**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**UGAWULAYO – BEWUZANA M. B**

**Gq**um! Qo**ngq**ololo! Yini na?
**Gq**olom' **ogqogqa** abantu bakuthi,
Agqagqanisa amaqumqum abafana neentombi-
Baqikileke benqunqwa nguwe,
Ubaqengq' okogodo ungayeki.

Vumbangondini lizifihl' egazini,
Liwuhlinz' umphefumlo wexhoba,
Kuphumele ukuxhamleka nasenyameni,
Ath' ubani azibone esenyanyeni.

Ntsholongwanendini exak' oogqirha,
Ibutshabalalise ubomi bomntu kancinane,
Ade aye kwantsonganyawana,
Azishiy' izihlobo zilala ngeentshwabulo.

Singabantu ke simanyene,
Asahlulwa nguwe kwizihlobo zethu,
Zisahleli kwiintliziyo zethu kusihlwa kusisa
Nguwe wedwa ikheswa loongantweni.

Bantu behlabathi ndiyanicenga;
Singasele sinyoshoza ngenxa yalo mnyewu ukhoyo,
Njengamajoni emfazwe, masixhobe sifohlele,
Urhulumente woluntu ukhuphe izixhobo.

Khetha isixhobo esilingene wena uhlasele,
Ningabelani ngesondo phambi komtshato;
Kungenjalo thembekani kumaqabane;
Kungenjalo sebenzisani isikhuseli.

5.1 Xela uhlobo lophindaphindo olubhalwe ngqindilili kumqolo woku-1 nowe-2 ze uchaze umsebenzi walo. (2)

5.2 Lizisa ntsingiselo ni igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo wesi-3? (2)

5.3 Thelekisa umqolo wesi-8 nowe-9 ngokwesakhiwo sangaphandle. (2)

5.4 Khetha zibe zibini izixhobo kwezinikwa sisitanza sesi-6 zokuzikhusela kwisifo ugawulayo. (2)

5.5 Nika imfundiso efumaneka kwesi sicatshulwa sombongo. (2)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezintathu noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli/kuncwadi lwemveli olufundisiweyo.
- Kwinoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI nombuzo OMFUTSHANE,ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA**: Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI (kwinoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwidrama). Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli/Ncwadi Lwemveli)KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwidrama).

### INOVELI

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE).

### UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### INKAWU IDL'IWILILA – S. KULA

Bonisa ngengxoxo esekwe kule noveli ukuba umbhali uchasene nolwaphulo mthetho.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-240–290. **[25]**

**OKANYE**

## UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## INKAWU IDLIW'ILILA: S. KULA

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

## ISICATSHULWA A

Wafika yena uThantaswa endlwini wazilahlela ezingubeni. Wathi sel' engqengqile, wacinga ngokufowunela umama wakhe. Wambalisela ngako konke okuthethwe ngugqirha. Weva kukho into embinza entliziyweni naye uNonkanyiso, waphefumlela phezulu okomntu owothukileyo ngenene.
"Uthini yena umyeni wakho ngale ngxaki?" wabuza sekungcangcazela isandla uNonkanyiso. "Akakatsho nelimdaka kodwa kuyacaca ukuba usothukile naye. Into endingayitsho kukuba ukhangeleka ecinga nzulu, mhlawumbi ke ucinga ngokundigxotha," watsho ngelizwi elibindekileyo uThantaswa emva koko wabizela umoya kakhulu.
"*Ngokuqinisekileyo ke ngoku mntwana wam uza kuzeka isithembu ukuba akakugxothanga."*
"Kukundigxotha kaloku mama oko."
"Yho! yinto eya kuthiwani nale?"
"Andazi nam mama. Ingqondo yam okwalo mzuzu imi ndawonye."
"Masithembe ukuba liza kuvela icebo lale ngxaki. Ixhala lam ke ngoku kukuba uza kuphulukana nenqatha sele lisemlonyeni. Kukuthini ukuba uphile ubomi obuphezulu kuze kuthi emva koko ubuyele phantsi? Uya kuba yintoni ngabantu bale lali?"
"Khon' ungatshongo mama! Mna ndiya kuba yintoni ezitshomini zam?"
"Makhe sijonge ke ukuba uza kuthini na umyeni wakho phambi kokuba sizame naliphi na icebo."
"Ngokwenene masizame icebo Kwayi, ngaphaya koko ndiya kuzibona ndilala ngamanzi kanonkala," wagqibelisa ngelo uThantaswa. Weva kuthe qabu emva kuba ethethe nomama wakhe. Uthe khwasu waphuma egumbini lokulala waya ngasekhitshini, nalapho afike uNozizwe, nowayeyintwazana encedisayo emenzela into etyiwayo.

7.1 Xela ukuba zazahluke njani iinjongo zikaMsindisi nezikaThantaswa zokutshata. (2)

7.2 Chaza ngokuzeleyo nangokuchanekileyo ingxelo kaGqirha Chiandra ngengxaki kaThantaswa yokufumana omnye umntwana. (2)

7.3 Cacisa ngeengongoma eziMBINI ukuba ngokwale noveli izenzo zikaThantaswa zibe lutshaba lweenjongo zakhe zobomi. (2)

7.4 Xela isizathu esinokubangela ukuba abantwana abaninzi babe abanakukhetha ukuba ngabantwana bakaNonkanyiso ngokwale noveli. (2)

7.5 Sikuliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? (1)

7.6 Chaza ukuba uNozizwe usifake njani isandla kwingcinga zikaThantaswa ngesithembu. (2)

7.7 Ucinga ukuba udlulisa myalezo mni umbhali ngothando lukaMfuneko noThantaswa kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

**ISICATSHULWA B**

"Ziindaba ezimnandi ezo Khetshe. Ndothuka ndaphantsa ukubhubha mhla ndeva ukuba ulaliswe kwicandelo labagula kakhulu. Ndanqandwa ngabantu sendisiza apha ngaloo mini, bathi mandilindele ukukhululwa kwakho kwelo candelo. Yiyo loo nto ndilapha nje namhlanje mf' ethu.

"Ndiyabulela Tola xa ndikubona phambi kwam, kuyacaca ukuba uyazikhathaza kakhulu ngobomi babanye abantu," watsho uMapheza echukumiseke nyhani kukuvelelwa ngumntu asebenza naye.

Ejengile luvelwano, uNqoza wamcebisa ngamayeza esiNtu, nawayekholelwa kakhulu kakade kuwo uMfezeko. Ngulo kaloku wayengxoliswa rhoqo ngumama wakhe, ephethe ithumbu lokucima esiya kutshona kwindlwana yangasese okanye kuthi kusisa abe sezalise ibhakethe ngeyeza lokugabha.

"Khawutsho ke Msuthu, uya kuphuma nini apha kuba kukho indawo endinqwenela ukukusa kuyo? Le nto ngoku seyifanele abantu abamnyama kuba lidliso eli walityiswayo. AbeLungu ke abakwazi ukulikhupha, yiyo loo nto ngoku liquqa libuyelela nje emntwini de limbulale. Kuvamisile ukuva kusithiwa umntu uqengqwe yinto ahleli nayo iminyaka eminga esiswini sakhe," watsho ekrwela intloko ngesitshixo semoto yakhe uNqoza.

"Ingathi andikazi kukhululwa apha ndijongile nje. Mhlawumbi ingaphela nale izayo iveki ndiselapha kuba ugqirha wam uthe kuya kuthabatha ixesha elide ukuba ityhefu esemzimbeni wam iphele."

"Yho! Uya kufela apha mna ndikuxelele! **Aya kukulandela akubulale la magqwirha, nendiqinisekileyo ukuba sele esazi ngalo mzuzu ukuba ungcono**. Icebo lokukukhupha apha mna ndinalo.

7.8 Xela isehlo esenze uMfezeko alale sesibhedlele. (1)

7.9 Chaza injongo yokuba uNqoza andwendwele uMfezeko esibhedlele ngale mini ikwisicatshulwa. (2)

7.10 Tyhila isigqebelo esikwiinjongo zale mini nesiphumo sayo. (2)

7.11 Ngqina ngeempawu zibeMBINI ukuba le yinoveli engolwaphulomthetho. (2)

7.12 Chaza ingcinga eveliswa yintetho kaNqoza ebhalwe ngqindilili (2)

7.13 Luluphi udidi lomlinganiswa uMfezeko kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (3)
**[25]**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**NYANA WAM! NYANA WAM! WK TAMSANQA**

Bonisa ngengxoxo esekwe kule noveli ukuba umbhali ukuchasile ukungakwazi ukuzithathela izigqibo ezizezakho. **[25]**

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390.

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK TAMSANQA**

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA C**

Qonda le nto mangaliso mfo wam, ndandizimisele ukuba ufunde, ndinethemba elikhulu ngawe lokuba kothi kuzezi mini ube uyinto ebomini, walala ke elo thamsanqa wasibaleka isikolo, lawa phantsi ke ithemba lam namabhongo am ngawe ndaba ngodanileyo. Oko ndingazanga ndife mfo wam ukumka kwakho ngenene le nto ingumntu ayifi kukuhliwa yinto embi. Kulungile ke akusenani, masiyinyathele ngonyawo leyo yemfundo ayisenani igqithile, masiyithathe ngokuba imfundo ibingelulo ubizo lwakho ebomini, sikhangele kumgca ongezantsi. Ungaka ngoku, ke ndithanda ukuqonda ukuba ujonge phi na?
"Andikulandeli bawo, lityebise," watsho uThole exoka eyiva intsingiselo yentetho kaFikizolo.
" Xa ithemba lam liwile ngasemfundweni mfo wam bendinqwena ukuba ufune umfazi, ndithi ndisifa ube unendawo yakho,"
"Musa ukuqala ulilahle ithemba bawo. Ngakwicala lomfazi ndifuna ukucela uxolo kuwe bendingekabi nanjongo, nto ndizimisele kuyo kukufeza umnqweno wakho ndiphindele esikolweni,"
Amothusa la mazwi uFikizolo, akazi nokuba makavuye nokuba makathini na, akakholwa nokuba unyanisile na nokuba uyambhanxa, "Uthini na ngoku Mangaliso?"
"Ndithi ndizimisele ukuphindela esikolweni bawo,"
"Uyinyanisile le nto uyithethayo?"
"Ndiyinyanisile Bawo."
"Njengokuba unyaka sowuphelile nje ucinga ukuba indawo uya kuyifumana phi? Khona ingathi sowumdala nje ucinga wobasafunda into eyiyo?"

9.1 Xela ukuba zazahluke njani iinjongo zikaThole nezikaFikizolo kule ncoko. (2)

9.2 Chaza ngokuzeleyo nangokuchanekileyo into eyabangela ukuba uThole azibone esekhaya. (2)

9.3 Cacisa ngeengongoma eziMBINI ukuba ngokwale noveli izenzo zikaThole zikhe zalutshaba lweenjongo zakhe. (2)

9.4 Xela isizathu esinokubangela ukuba abantwana abaninzi babe abanakuthanda ukuba nziitshomi zikaThemba. (2)

9.5 Sikuliphi inqanaba lesakhiwo ibali ngokwesi sicatshulwa?. (1)

9.6 Chaza ukuba uThozama usifake njani isandla kwimpumelelo kaThole. (2)

9.7 Ucinga ukuba umbhali udlulisa myalezo mni ngemfundo kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

Wamana ukutsho ngesingqala umntu omkhulu ekobude ubuthongo.
"*Shame*!" wamana ukutsho uThozama esiva esi singqala emana ukusuka ayokumbamba ebunzi emva ubushushu. Wayesithi akuphathwa ebunzi abonakele encuma, phofu kucaca ukuba uncumela ebuthongweni.
"Uyaphupha torhwana!" wamana ukutsho uThozama ebona olo ncumo. Koko kumana ukumbamba ebunzi ukhe wabonakala esithi xhungu uThozama emondela ngokungathi ngumntu lo unanto ayiqaphelayo.
"Yintoni mama!" wabuza umfundisi esothuka, ephakama esihlalweni sakhe esondela, ecinga ukuba makube umntu uyaqhawuka. Uthe ukuba asondele umfundisi yamondela inkosikazi yakhe ebusweni yabuya yajonga kweli xhego yavakala isithi, Papa!" kaloku ngoku uThozama wayengasatsho ukuthi "Bhuti Thole" kuMangaliso, wayesithi Papa, "Mama" wasabela watsho umfundisi.
"Khangela!" watsho ekhomba isiva esisebusweni exhegweni.
"Khangela!" uphinde watsho ekhomba eso sasisebusweni kuMangaliso

Ke?" watsho umfundisi ejonge uThozama. *Isn't it funny?'* wabuza uThozama ngesiLungu.
"*What's funny about a scar?*" uphendule ngombuzo watsho uMangaliso.
Uphindile uThozama waya esinqeni kweli xhego ekhumbula into ebekhe wayibona xa ebeliphatha-phatha liyoba. Unyuse ihempe kancinci ezantsi kwenkaba wakhombisa uMangaliso esithi," Khangela!"
"Ngumkhango lowo," watsho uMangaliso engayazi intsingiselo yokuba akhonjiswe umkhango wexhego.
"**Andithi nawe unawo?"** ubuze watsho uThozama. "Ewe ndinawo, ke?"
"Hayi, Papa maan, niyafana nalo tata, ngaphandle kwezi zinto ndizikhombayo, ingxam nje le yobuso nguwe kanye," wadanduluka watsho uThozama ekhwaza.

9.8 Xela isehlo esenze ukuze abe kule bhedi alaliswe kuyo uBawuMkwayi. (1)

9.9 Chaza injongo kabawuMkwayi yokundwendwela kule cawa. (2)

9.10 Tyhila isigqebelo esikoku kuba ngumfundisi kukaThole kwesi sicatshulwa. (2)

9.11 Ngqina ukuba le yinoveli engentlalo. (2)

9.12 Chaza ingcinga eziswa yintetho kaThozama ebhalwe ngqindilili. (2)

9.13 Luluphi udidi lomlinganiswa uThole? Xhasa impendulo yakho. (3)
**[25]**

## UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

## UKHOZI OLUMAPHIKO – N. SAULE

Bonisa ngengxoxo esekwe kule noveli ukuba umbhali ubuchasile ubumpimpi. Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340—390. **[25]**

## UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## UKHOZI OLUMAPHIKO: N. SAULE

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

## ISICATSHULWA E

Ndayimamela indoda enkulu ithetha ijonge kweziya zandla zayo,imana ukundithi tshawu nje kube kanye, ibuye ijonge phesheya. Ndathi bendichophile, ndahlala ngeempundu.
“Ndiyakubona ukuba ukhaliphile, kodwa amakhalipha afa kuqala emfazweni. Andikwazi ukuba usuka phi na, ndingafuni nokuyazi loo nto kunjalo nje. Abukhali amapolisa alapha, ukuba usindile uze undishunqule lo mnwe wam.” Watsho lo mfo endikhombisa into exwebileyo yocikicane.
“Ndingasinda njani?” Ndabuza ndicuthe amehlo, ndingenwa lixhala elibangwa yile ncoko.
“Akukho ukusinda. Le ndawo yaziwa njengezibuko labaqhweshi, ngoko ke izabatha zamapolisa azinganganto.
Andiwazi nalo mzabalazo wenu ukuba usingise phi na. Yiyo loo nto ndithe mna ndakudla umhlala-phantsi ndangumzingeli weenyamakazi, nguwona mzabalazo wam ke lowo, ukuba ndihluthe apha esiswini. Ubupolisa abuzange bundenzele nto, ngaphandle kokundenza utshaba lwabantu.” Lo mfo wasuka wathetha oku komntu odliwa sisithukuthezi, kuba yonke le ntshwaqane yakhe yayingazi kundenzela nto ngaphandle kokuba yayizama ukundithibaza kwinto endandizimisele kuyo. Ndibuze ngobungxamo.
“ Ndingenza njani ukuze nditsibe imida?”
“Buyela apho ubuvela, uyeke le nto uyenzayo iza kukubulalisa ngezi zikhohlakali. Ninani na nina ukuba nje iinkani zenu kakade?”
“Andinakho ukubuya umva. Asilisiko lakowethu ukubuya umva.”“Uzama ukuthi kum akunaye urivesi? Wawuke wayibona phi imoto engenaye urivesi.

11.1 Chaza ukuba zazahluke njani iinjongo zikaMfazwe nezamapolisa. (2)

11.2 Chaza ngokuzeleyo icebiso lomzingeli awalinika uMfazwe ngale mini. (2)

11.3 Chaza ngokuchanekileyo ukuba uNokuzola lo ukuba ukungathathi ingcebiso yomzingeli yokuba abuye umva uMfazwe kulidudule kwaya kulitshonisa phi ibali? (2)

11.4 Xela isizathu esinokubangela ukuba abantu abaninzi abamnyama babe babengenakukukhetha ukuba ngabahlobo bakaFriday. (2)

11.5 Sikuliphi inqanaba lesakhiwo ibali ngokwesi sicatshulwa? (1)

11.6 Chaza ukuba umzingeli usifake njani isandla ekusindeni kukaMfazwe. (2)

11.7 Ucinga ukuba udlulisa myalezo mni umbhali ngamapolisa ocalucalulo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**ISICATSHULWA F**

"Baleka ES uze namanzi." Yaba ngamantintinti, thwanga umntu wonke enkampini kusiziwa nale naleya kuzanywa ukuncedwa uKhonjwayo. Wathi thimbilili nam sendifuna ukungayazi eyokuqala neyokugqibela. Baya kumvalela kulaa ntente wayehlala kuyo eshwantshwatha into engaziwayo. Emva koku kwathi cwaka oku kusisithukuthezi **abaninzi bacezela phaya kum**. Kwakunzima nokuba kubekho ondijongayo. Ndiya kuthi ukuba ndivele bekuthethwa kuthiwe cwaka ndide ndigqithe. Ukuba ibisisiqhu sithe xhonxosholo, ukuvela nje kwam siya kuchithakala saa okweegusha zidunga-dungwa nguSebekho inja yabakhwetha. Ayindikhathazanga nganto ukuqala kwayo le nto, kodwa ithe imini iphela ndabe sendithe rhubaxa. Ndizokukhathazeka ngakumbi ndakuqaphela ukuba okoko kuthe kwenzeka laa ngxabano noKhonjwayo, akukho mntu ukhe weza kuncokola, nokuza kubika ukuba kuqhubeka ntoni ngoKhonjwayo.
Kwathi kanti andikaboni nto kuba ndithe ndisahleli ndeva kuhewulwa ngokungathi kuqhiwulwa igeza. Yayililo ngenene uKhonjwayo wayeleli liqhawula iintambo. Wayehamba ze njengoko wazalwa, ebaleka egqiba inkampu le. Mna ke mntu uwaziyo amageza,ndambona ndingamxelelwanga ukuba zimshiyile umfo omkhulu. Ube esithi akubanjwa abavuthulule abantu ngathi ziintakumbana. Apha ekubalekeni uhambe etyhobeka, ebetheka esiwa, asuka ngoku amaqabane ambaleka, wangena wawaleqa, hayi ke yanguloo mbhodamo. Ndizokubizwa nguThembekile noSiphiwo xa kanye ndimana ukuthandabuza ukuba ndenze ntoni na ukunceda.

11.8 Xela isehlo esenze abe kule meko akuyo uKhonjwayo. (1)

11.9 Chaza injongo yokuba uMfazwe andwendwele eMgazi. (2)

11.10 Tyhila isigqebelo esisekubeni uMfazwe sele ehamba noZubuye kumnandi ekupheleni kwebali. (2)

11.11 Ngqina ukuba le yinoveli engopolitiko. (2)

11.12 Chaza ingcinga eziswa yintetho kaMfazwe ebhalwe ngqindilili. (2)

11.13 Luluphi udidi lomlinganiswa uMfazwe? Xhasa impendulo yakho. (3)

## UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

## UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI SWANA

Izibongo, iintsomi kunye nezaci zinembali kaNtu. Ngqina olu luvo ungqiyame ngemizekelo ekuncwadi lwemveli olumiselweyo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama 340–390. **[25]**

## UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI: MMI SWANA

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi lwemveli zingezantsi, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA G (Intsomi)

**INTSOMI YOLOVANE**

Kwahlala kwahlala kwangantsomi. Kwiminyaka ngeminyaka eyadlulayo ngopewula, izilwanyana zadibana entlanganisweni zibizwe nguMdali wazo. Kule ntlanganiso zaziza kuzikhethela imibala. Khumbula ukuba zazikade zingenayo imibala. Zafika kwaMdali zayalelwa ukuba zakhe isangqa esikhulu. Zaxelelwa ukuba mazicingisise, zikhethe imibala eza kuzifanela ngonaphakade kanaphakade kuba zisakuba ziyifakelwe azisayi kuze ziphinde ziyijike, nezizukulwana ziya kuzalwa sezinayo.
Zayalwa ziboniswa ukuba kubi kokukhetha umbala ongasayi kuze wamkeleke kwizizukulwana ezizayo. Zaboniswa indlela eziya kugxekwa ngayo zingahlonitshwa ngabantwana ngenxa yobuchule bokukhetha obuhesheheshe. Yabekwa imibala ngemibala phakathi kwesi sangqa zazisakhile. UMdali wamana ukuzibonisa umbala ngamnye awuchaze ukuba umele ntoni na. Wayexela nesizathu esibangela ukuba umbala othile uthandeke okanye ungathandeki, acebise apho kufuneka acebise khona. Wawubeka umbala omhlophe ewuchazile ukuba apho ukhoyo kuyakhanya ebomini, izinto zikuhambele kakuhle, umele ithamsanqa. Wehla nayo yonke imibala eyichaza waya kuphuma ekugqibeleni. Yonke le mibala yayineziphene zayo kodwa zazixolisa izilwanyana ngelithi **akukho nzwana ingenasiphako**.

Isilwanyana ngasinye esikhethayo sasixelela wonke ubani umbala esiza kuwukhetha sixele nesizathu. Kwakuye kuqhwatywe izandla kuyeyezelwe andule ngoku uMdali ukufakela umbala othandwe sisilwanyana. Laphakama iqwarhashe lathi Mdali weZulu nomhlaba, Sonini-nanini, nani nonke zinto zikaBawo ezilapha kule ntlanganiso, kuluvuyo ukunixelela ukuba namhlanje, ngale mini inkulu kangakanana, ndizikhethela umbala omhlophe namnyama. Ndikhetha le mibala mibini ngendikhetha omhlophe qwaba, into ekunayo andilindele kuhle kodwa emhlabeni, ebomini bam. Bangandikhalala nabantwana bam xa ndikhetha omhlophe wodwa kuba baya kuthi xa kunzima bandibuze ukuba kutheni na ndikhethe omhlophe kanti kuya kuthi pam ngamanye amaxesha. Ndikhetha umbala omhlophe nomnyama kuba ndifuna kukhanye ebomini bam kodwa ke ndokwamkela nokubuhlungu okundehleleyo, enkosi.' Yacela ke ukuba xa ithiwa nyhibhe le mibala mayibe yimigca emhlophe namnyama. Wenjenjalo ke uMdali. Kwaqhwatywa izandla kwayeyezelwa, yenjenjeya ukuya kuthi vu phantsi intwenkulu yonwabile ingakholelwa ukuba iyenzeka into yokuba namhlanje yile nto, ungaba ngomso uzibone sowuyenye into.

Zaye zadyuduzela ngokudyuduzela ngoku izilwanyana zinexhala lokuphela kwemibala zakumana zibona ingwe izidla ngamabala, yayimana ihlala ihlale iphakame inyantsule mfondini izibuka-buka emva kokuthiwa bhaxe eyayo imibala. Izilwanyana zathenjiswa nguMdali ukuba ayinakuphela imibala, zingayiphindaphinda eseyifakwe zezinye kodwa ingafakwa ngokufanayo, isenokuba yimigca, isenokuba ngamachokoza, isenokuba zizangqa, njalo-njalo.

"Ndifuna oluhlaza yaka", latsho isele elalizihlalele emanzini. "Ndifuna kuthi kusakwenzeka ngelishwa kuphele amanzi emgxobhozweni wam, ndifane nengca lungandiboni utshaba lwam uNyoka".

"Ndifuna ukuba mdaka, "latsho elinye isele elalizihlalele eludakeni. " Ndifuna ukufana nomhlaba xa nditakataka emakhaya, ndiyaphela yinzala kaNtu, ngokumana indiphosa ngetyuwa ndiqaqanjelwe,ndizibhuqa-bhuqe kuba indigxotha kowayo. Oogxa bam bazizigede ezoma kudala, batshabalala yityuwa yasemzini. Sakukhe sisinde bacinge ukuba singumhlaba."

Zada zaphela izilwanyana. Kwashiyeka uLovane yedwa. Wanyamezela uMdali walinda uLovane ukuba lude lukhethe kuba lwaluba ngabizwa luthi lusacinga. Lwacinga, lwacinga, lwacinga de lwathi, 'He-e-e! Kunzima kakhulu kum ukukhetha le mibala. Ndiyifuna yonke.' Waphendula ngelipholileyo uMdali wathi, 'Uze undixelele xa ude wawukhetha, ndakulinda ngomonde ude uze kum.'
Wayithatha le mibala wayibeka kuzo zonke izinto azidalileyo, emithini, kwiintyatyambo nezinye izinto. Lwamana lujonga loo mibala uLovane, luthi lusakufika engceni lujike lube luhlaza, lufike kwingca eyomileyo lufane nayo, lusakufika kwiintyantyambo ezibomvu lube bomvu, njalo njalo.
Kude kube namhlanje, alukabi nazigqibo ulovane, lusakhangela umbala olufaneleyo, lusatshintsha ukuze lukwazi ukuziphepha iintshaba.

13.1 Wayibiza nganjongo ni uMdali le ntlanganiso? (2)

13.2 Umbala omhlophe ngumqondiso wantoni? (2)

13.3 Tolika intetho ibhalwe ngqindilili ngokwale ntsomi. (2)

13.4 Phawula ngendlela elikhethe ngayo umbala iQwarhashe kule ntsomi. (2)

13.5 Xela iimpawu eziMBINI oluzotywe ngazo uLovane kwesi sicatshulwa. (2)

13.6 Chaza indima edlalwe bubutshaba kwindlela ezikhethe ngayo imibala izilwanyana kule ntsomi. (2)

13.7 Yiyiphi indlela esithi sohluke ngayo isilwanyana kwesinye njengoko kuvumelekile ukuba zikhethe imibala efanayo? (1)

13.8 Nika imfundiso efumaneka kule ntsomi. (2)

## ISICATSHULWA H (UMBUZO OMFUTSHANE)

**NguRhulumente wethu lo!**

1 Vi-i-i-ityo-o-o!
2 Nqand' ezo nkomo kwedini sigoduke!
3 Nqand' ezo nkomo kwedini limkil' ílanga
4 Nqand' ezo nkomo kwedini sizokuzisenga
5 Nqand' ezo nkomo kwedini kukud' ekhaya
6 Le inco yona ililelwa linkonyan' ekhaya
7 Le irhwexu yona kosa seyibek' elayo inkonyana
8 Ezi zilunga zona zozalis' amathungaNdatsho ndalamba ndilambel' umthub'
9 ontubululu
10 Ndatsho ndalamba ndilambel' umvub' omphokoqo
11 Ndatsho ndalamba ndilambel' umvub' omphothulo
12 Ngurhulumente wethu ke lowo!
...................................................................
13 Vi-i-i-ityo-o-o!
14 Iinkomo zaseQunu zizale iinkomo zoMzantsi Afrika
15 Kuba loo malusi wazo waluse noMzantsi Afrika
16 Wath' akubona ukuba uyeyela warhiwula kwema ngaye
17 Wathilyaph' ezantsi, iya kubuya nabani?'
18 Wahle walubón' ulutsha ukuba luya kuba luncedo
19 Wathi makususwe idyokhwe yobukhoboka emntwini

20 Wamis' Umkhonto wesizwe waluqilima
21 Wabanjwa umntu aph, wabulawa umntu apho!
22 Tyhini! Bafa kakubi abantu **njengeempukane.**
23 Uneenkan' umXhosa, unomqolo umXhosa ndimncamile
24 NguRhulumente wethu ke lowo!

……………………………………………………………
25 Vi-i-i-ityo-o-o-o!
26 Ebeqale ayintoni na amashumi eminyaka e-jele
27 Kumawakawaka eminyaka engcinezelo?
28 Nditsho kuwe mlisela nomthinjana woMzantsi-Afrika
29 Nditsho kuni ziphatha-mandla zeli lizwe
30 Kudala ndinifundis' indlela yokuphath' isizwe
31 Into ileli kuni ngoku, mna andinatyala ndinikhulule.
32 Yhini na ukuba nibonakale neentsana zoMzantsi-Afrika uphela?
33 Ndiyisusil' ingcinezelo nocalucalulo lomnt' omnyama komnyama
34 Yekan' ukucinezalana nodwa, nodwa, nodwa!
35 Yhini na ukuba ningazigqogqi ezi ndletyana zenu?
36 Nindive nindiphulaphule xa ndisisthi ke,
37 *'Even if I die, I will wake up from my grave and come and vote'*
38 NguRhulument wethu ke lowo!
39 Mandisithe-e-e-ele

13.9 Iyicela njani inzolo imbongi kulo mbongo? (1)

13.10 Sisiphi isixhobo sohlalutyo esikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo wesi-3 nowesi-4? (1)

13.11 Xela okuphuhliswa sisafobe esibhalwe ngqindilili kumqolo wama-22. (2)

13.12 Ukuqaqamba kokusetyenziswa kwezafobe kulo mhobe kuluphawu lwaluphi udidi lwesihobe? (1)

13.13 Ngubani lo kubongwa ngaye apha kwesi sibongo? (1)

13.14 Yintoni injongo yokusetyenziswa kophindaphindo kumqolo wama-34? (1)

13.15 Ithetha ukuthini imbongi kumqolo wama-39? (1)

13.16 Nika umxholo wesi sibongo. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwinoveli/Ncwadi lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### BUZANI KUBAWO – WK TAMSANQA

Bonisa ngengxoxo ukuba isihloko sencwadi esithi “Buzani kuBawo” siyanxulumana nomxholo wale drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zedrama uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

| | |
|---|---|
| UZWILAKHE: | Kowu, uyazi ukuba unyanisile. **Yintombi loo nto**, iyahlokoma yonke le lali ngesimilo sayo esisulungekileyo. Nam ndiyakungqinela mfazi. Kodwa ke ukumxelela kwethu masikhe siyiyeke leyo yentombi, yofanela mhla amawethu ahlangana. Okwangoku masikhe simelele nje ukuba kufuneka efune umfazi, kuba hleze kuthi kanti amawethu aza kuyichasa le ntombi. Yena ngokwakhe uGugulethu andiqondi ukuba angachasa, noko ngumntwana osivayo, ongagqithiyo kwilizwi lethu. |
| UMAGABA: | Ke ukuba amaHlubi ayayichasa, uthetha ukuba kothiwani? |
| UZWILAKHE: | Andazi kaloku. |
| UMAGABA: | Mna zinkosi andikhathali nokuba umntu uchasa de alale ngomqolo phantsi, ndifuna intombi kaMcothama ize kurhuqa amaJalimani kule nkundla nokuba sekumnyam' entla. **Andazi ke ukuba kukho umntu ongalawulwa de alawulwe nangendlu yakhe**. Ukuba kukho umntu obona isiphako kwintombi kaMcothama esingabonwayo sithi, akukho nto, yoba sisikade sethu eso. <u>Akukho nzwana</u> <u>ingenasiphako kakade</u>. Kungcono ukuba sithi hayi ukuzenza kunokuba sithi hayi ukwenziwa. |
| UZWILAKHE: | *Hayi, Gabakazi, seyikukubuza nje, yena umfana uza kuzeka intombi kaMcothama*. **Loo nto ndiza kuyimela, andikhathali nokuba umntu selesithini. Ukuba ndithe uza kuzeka intombi ethandwa ndim, uza kwenza loo nto ke**. |
| UMAGABA: | Ndingavuya ukuba unokwenjenjalo Rhadebe; ndiyathemba ke ukuba akuyi kujika kwinto oyithethileyo uzenze ixoki. Ingaba ngubani ixesha ngoku? |
| UZWILAKHE: | Andazi. |

15.1 Chaza umahluko phakathi kwembono kaGugulethu ngomfazi neyabazali bakhe. (2)

15.2 Uthetha ukuthini uZwilakhe xa esithi "Iyahlokoma yonke ilali"? (2)

15.3 Ingaba uGugulethu zange achase njengoko babelindele abazali bakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.4 Ngqina ubunyani bamazwi kaMagaba akrwelelwe umgca ngaphantsi ngoThobeka kule drama. (2)

15.5 Chaza ukuba isenzo sokungavani nabazali ngokukhethelwa okanye ukuzikhethela undofanaye kule drama sityhila ntoni ngexesha ezimbalini? (1)

15.6 Ngokwale drama, ingaba saphumelela isibhambathiso esibhalwe bukekela awasenza kuMagaba uZwilakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.7 Chaza isimo sikaZwilakhe esityhilwa ziintetho ezibhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| UGUGULETHU: | Uze kum uyandazi ndingubani? Ndiyini kuwe? |
| UTHOBEKA: | (Cwaka) |
| UGUGULETHU: | Thobeka! |
| UTHOBEKA: | Bhuti. |
| UGUGULETHU: | Uya phi? |
| UTHOBEKA | (Cwaka) |
| UGUGULETHU: | Ndaza ndakubona simangandini!(UGUGULETHU uyaphuma) |
| UTHOBEKA: | (*Uthetha yedwa encancisa umntwana)* Kowu! Bandenza abazali bam ngokuhlala bandizise kwisilingo esinjengesi ndikuso ndibaxelela. Namhlanje ndibuzwa imibuzo engaphendulekiyo nje kungenxa yabo. Ukuba babemamele ilizwi lam ngezingekho zonke ezi nkathazo. Namhlanje ndisezimbandezelweni ngento yangabom. Akwaba ebenokufika uma nobawo ngale mini (*Uyafixiza uyalila*) babone imisebenzi yabo, abe nala mazwi ayavakala ezindlebeni zabo. Bandifake engxakini, ngoku bathe qelele. Noko maxa wambi kungcono ukuzenza kunokwenziwa, ngathi ngewunyamezeleka lo mvambo ukuba bendisithi ndazenza. Hayi nokululama ngokugqithileyo akunto kuba kunjenjenje namhla kungenxa yokuba ndathi ndilulamela ilizwi labazali. Ukuba ndandizilandulele kule nto, ngendingekho kobu bugxwayiba namhlanje. Kodwa ke akukho nto, zonke izinto ndiziyaleza kuwe Thixo, nguwe umninizo, mayenzeke intando yakho. |
| UMNTWANA: | Mama! Mama! Yambiye.Yambiye mama! Ha-a-a-a! Ha-a-a-a! |
| UTHOBEKA: | Kowu Thixo! Kazi ndingumntu oyini na ndingazi namntu kulo Mthatha? Thula sana lwam? Thula tanana! |
| OMNYE UMNTWANA: | Nam mama ndilambile. |

UTHOBEKA: Makhe sithandaze bantwana bam. (Uyacula)
Unabantu bakho Thixo
Ngamaxesha onke
Ubagcine ubancede
Endaweni zonke.

Bakuwela imilambo
Uba nabo wena
Bakutshiswa ngemililo
Uba nabo wena

Apho batshutshiswa khona
Bomelezwa nguwe
Nasemarhamncweni Thixo
Bagcinwe nguwe.

15.8 Ucinga ukuba uchanekile umbuzo kaGugulethu obhalwe ngqindilili? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.9 Chaza isilingo athetha ngaso uThobeka kwesi sicatshulwa. (1)

15.10 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba esi sicatshulwa sithathwe kwinqanaba lesiphelo. (2)

15.11 Xela udidi lwabantu onokubakhuthaza ukuba bafunde le ncwadi uze uxele isizathu sokubakhetha. (3)

15.12 Luvo luni oludluliswa ngumbhali ngale ntetho kaThobeka ikwesi sicatshulwa? (2)

15.13 Chaza isiphelo sale ngxoxo iphakathi kukaGugulethu noThobeka engale mini ikwisicatshulwa. (2)

**[25]**

## UMBUZO 16 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

## INDLAL'INAMANYALA – M. LAMATI

Bonisa ngengxoxo ukuba isihloko esithi "Indlal' inamanyala" siyanxulumana nomxholo wale drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama 340–390. **[25]**

**OKANYE**

## UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zedrama zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

## ISICATSHULWA K

| | |
|---|---|
| UMAMQHINEBE: | Uhambe njani kodwa namhlanje Siqhiwu kule nto yale joyini uyiquqela umhla nezolo? |
| USIQHIWU: | Ndihambe njengayizolo nayizolw' elinye. |
| UMAMQHINEBE: | Imbi ke le nto, ukuthi silamba kangaka kweli khaya abe yena uMdali ethe rhoqo ukusifulathela. |
| USIQHIWU: | Musa ukulahla ithemba mama. |
| UMAMQHINEBE: | Andinakuphila kukulala nditye ithemba yonke le mihla Siqhiwu. **Isisu esi sona sifuna into ekukutya, ingelilo ithemba.** |
| USIQHIWU: | Sekuza kulunga mama. Kaloku abeLungu bathi: *The darkest hour comes before dawn*. |
| UMAMQHINEBE: | Ungandigezeli kaloku mna. Zizinto zini ezi uzithethayo emzini wam? Wakha wandiva ndipitiliza isiLungu ngolwesingaphi ezintsunkwin' apha? |
| USIQHIWU: | Ndiyakwazi mama waphuma ngerisesi esikolweni. Bendiza kukutolikela, koko wena wasuka wangxama. |
| UMAMQHINEBE: | Khawutolike ke mLungu omnyama. |
| USIQHIWU: | Xa ndikutolikela ke ndingathi, ama-Afrika wona athi: Isifingo siza phambi kokusa. |
| UMAMQHINEBE | Ndiyakrokra Siqhiwu ukuba eyona nto ndandikufundisela yona wena, bubuciko obu, nkqi kona ukufumana umsebenzi. |
| USIQHIWU: | Ngendikuva ngcono kodwa mama ukuba ubusithi: nkqi kona ukufuna umsebenzi. Kaloku ndingayenza yonke into, kodwa andingekhe ndiziqeshe. |
| UMAMQHINEBE: | Kakade ke Siqhiwu, uthi aba mabhalana baqeshayo kule nto yale joyini yenu, abafuni kwenzelwa nto mhlawumbi? |
| USIQHIWU: | Andazi. *Ndaye andifuni nokwazi nokuba bayayifuna na okanye hayi, kuba apha kuSiqhiwu abasayi kuze bayifumane nokuba bangade bayifune ngamehlo abomvu*. |
| UMAMQHINEBE: | Uthini na ngoku Siqhiwu kum'apha? |

17.1 Chaza umahluko phakathi kwembono kaSiqhiwu noMaqhikizane ngendlala. (2)

17.2 Uthetha ukuthini uMamQhinebe xa athi “umhla nezolo”? (2)

17.3 Ingaba uMdali wabafulathela kwade kwasekupheleni ooSiqhiwu? Xhasa impendulo yakho. (2)

17.4 Ngqina ubunyani bamazwi kaSiqhiwu athi ‘Isifingo siza phambi kokusa’ ngokwakule drama. (2)

17.5 Chaza ukuba isenzo sokungavani kukaMamQhinebe noSiqhiwu ngokunyoba nokunganyobi uMaqhikizane sityhila ntoni ngexesha ezimbalini? (1)

17.6 Ngokwale drama, ingaba saphumelela isibhambathiso esibhalwe bukekela awasenza kuMamQhinebe uSiqhiwu? Xhasa impendulo yakho. (2)

17.7 Chaza isimo sikaSiqhiwu esityhilwa zizenzo zakhe kule drama? Xhasa impendulo yakho. (2)

**ISICATSHULWA L**

| | |
|---|---|
| UMAMQHINEBE: | Hayi siphilile Gatyeni ngaphandle kwendlala le ke. Hayi, ivalile yona ekhay' apha. Ingathi babhetela abanye abantu. Thina kweli khaya silala ngamabona-ndenzile yonke le mihla. |
| UMAGATYENI: | Ewe, ingathi bangcono abanye abantu. Hayi thina sobabini, iphume nathi indlala yale lali. |
| UMAMQHINEBE: | Kaloku thina besingenakulinganiswa namntu. Eyethu into iyodwa. |
| UMAGATYENI: | Kakade ke besisuke sathini thina? |
| UMAMQHINEBE: | Kaloku thina asivingcelwanga yindlala kuphela. Eyona nto isiphetheyo, ngumgqwaliso, lo umkhulu kunjalo nje. |
| UMAGATYENI: | Ndiyawazi nomgqwaliso. Ngulo wamangolwane lo sinawo thina sobabini. |
| UMAMQHINEBE: | **Uthi wena wawubabonaphi abantu ababhujelwa ngamadoda besebancinci, ngeendlela ezingacacanga zodwa**? |
| UMAGATYENI: | Kwowu! Ungayithethi loo nto mfazi. |
| UMAMQHINEBE: | Kuthi emva koko bafundise abantwana phantsi kweemeko ezimxethuka, ukuze bathi bapasa abo bantwana, kuqengqeleke iminyaka bengaqeshwa kuba beneefani ezingaziwayo ngabaqeshi? |
| UMAGATYENI: | Yenye yona leyo, ndifung' uMabhoso efel' eMjika. |
| UMAMQHINEBE: | Uthi ke Gatyeni asingomashwa anento yawo lawo? Uthi makube ngamabhadi nje afana namanye? |
| UMAGATYENI: | <u>Sesisuka nje siphose kophezulu mntwan' akwaQhinebe</u>. Uthi singade sithini ke? Nditsho kuba ke asinakuyazi nento esingayaziyo. |
| UMAMQHINEBE: | Uboniswa ntoni ke wena Gatyeni ngokwasempilweni? |
| UMAGATYENI: | Hayi siphilile wethu mmelwane, ngaphandle kwaloo ndlala ukhala ngayo nawe. Ndithi akukho nentsilikihla yokutya kweliya khaya. |
| UMAMQHINEBE: | Kunzima nalapha. Ufika xa kanye ndisaxambulisana noSiqhiwu ngento yokungafumani kwakhe nejoyini le yembala. |

17.8 Ucinga ukuba lichanekile ibango abalenzayo ooMamQhinebe lokuba abantwana babo e abaqeshwa kuba beneefani ezingaziwayo ngokwale drama? Xhasa impendulo yakho. (2)

17.9 Chaza umgqwaliso athetha ngawo uMamQhinebe kwesi sicatshulwa. (1)

17.10 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba esi sicatshulwa sithathwe kwinqanaba lengabulazigcawu. (2)

17.11 Xela udidi lwabantu onokubakhuthaza ukuba bafunde le ncwadi uze uxele isizathu sokubakhetha. (3)

17.12 Luvo luni oludluliswa ngumbhali ngale ntetho kaMamQhinebe ibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

17.13 Chaza isisombululo sale ngxaki yendlala abasikhethayo uMaGatyeni noMamQhinebe nesiphumo saso ngokwale drama. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**